Isifundo 2

** 2–8 Januwari*

Ubunzima Bobunkokeli



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki:
Isa. 6:1–4, Isa. 6:5–7, Isa. 6:8, Isa. 6:9–13.

Indima Yenkumbulo:
"Ngomnyaka wokufa kukakumkani u-Uziya, ndayibona iNkosi ihleli etroneni ende enyukileyo; amasondo eengubo zayo ezirholayo azalisa itempile" *(Isaya 6:1)*.

Wathi akubuzwa ngomnye wabafundi bakhe ngokuhlanganiswayo ukwenza ulawulo olulungileyo, uConficius waphendula wathi: Ukutya okwaneleyo, izixhobo ezaneleyo, nokuqina kwabantu nje." "Kodwa," wabuza umfundi, 'makhe sithi akukho nto ungayikhetha kodwa kufuneka ususe ibe nye kwezo zintathu, yeyiphi ongayincamayo?' "Izixhobo," watsho uConficius. "Umfundi wakhe wazingisa: 'Masithi uye wanyanzeleka ukuba uyeke enye kwezimbini ezishiyekileyo, yeyiphi onokuyincama?' "Waphendula uConfucius, 'Kukutya. Kuba kususela kudala, indlala yasoloko inabantu, kodwa abantu abangasabathembanga abalawuli babo balahlekile ngokwenene.' "—Edited by Michael P. Green, *1500 Illustrations for Biblical Preaching* (Grand Rapids, Mich.: Baker Books, 1989), p. 215. Abantu, ngokwenene, bafuna inkokelo enamandla, enako ukuthenjwa. Xa isoldati lalisayina ukungena kumjikelo wesibini womsebenzi, ozakuzela umkhosi wabuza ukuba kutheni lifuna ukuphinda ukubhalisa. "Ndizame ubomi bokuhlala ngaphandle komkhosi," latsho, "kodwa akukho mntu uphetheyo phaya." Kule veki, siza kukhangela ingxaki yakwaYuda yobukhokeli neziphumo ezilusizi ezalandelayo.

**Funda isifundo sale veki ulungiselela iSabatha kaJanuwari 9.*

Ukumkani Phila Ngonaphakade Kumkani!

UIsaya 6:1 uthetha ngokufa kukakumkani u-Uziya. Funda: 2 Kronike 26 uze uphendule lo mbuzo: Kubaluleke ngantoni ukufa kukakumkani u-Uziya?

Iimbono ezahLukaneyo zinokunikwa ngokubhekiselele ekufeni kwalo kumkani.

1. Nangona ulawulo lukaUziya lwalulude lunempumelelo, "uthe ke akomelela, yaphakama intliziyo yakhe, wada wenza ububi; okwakhokelela ekufeni kwakhe" (2 Kron. 26:16, NRSV) waza wazama ukunyusa isiqhumiso etempileni. Bathi ababingeleli bakumnqanda, belungisa phofu, kuba wayengenalo igunya lombingeleli oyinzala ka-Aron (2 Kron. 26:18), ukumkani wanomsindo. Ngalo mzuzu, xa ukumkani esala ukungxoliswa, uYehova wambetha kwangoko ngeqhenqa, awabanalo "kwada kwayimini yokufa kwakhe, wahlala endlwini eyodwa, eneqhenqa; ngokuba wanqanyulwa endlwini kaYehova" (2 Kron. 26:21). Indlela eyimpoxo awayibona ngayo uIsaya umbono wokumkani wezulu onyulu, ongenakufa, endlwini/etempileni yaKhe ngomnyaka kanye ukumkani womntu ongekho nyulu awafa ngawo!
2. Kukho umahluko omkhulu phakathi kukaUziya noIsaya. U-Uziya wasukela ubungcwele ngobuganga, ngenxa yesizathu esingalunganga (ikratshi), wathi, endaweni yoko, wangcola ngokwenkonzo, kangangokuba wanqanyulwa ebungcweleni. UIsaya, kwelinye icala, wabuvumela ubungcwele bukaThixo ukuba bufikelele kuye. Wavuma ngokuthobekileyo ubuthakathaka bakhe, wanga anganobunyulu bokuziphatha, awaya wabufumana (Isa. 6:5–7, NRSV). Ngokufanayo nombuthi werhafu kumzekeliso kaYesu, wahamba egwetyelwe: "kuba wonke umntu oziphakamisayo uya kuthotywa; nozithobayo ke uya kuphakanyiswa" (Luka 18:14).
3. Kukho ukufana okukhulu phakathi komzimba oneqhenqa kaUziya nemeko yokuziphatha kwabantu bakhe: ". . . akukho ndawo iphilileyo kuwo, ziinduma, nemivumbo namanxeba awophayo" (Isa. 1:6, NRSV).
4. Ukufa kukaUziya ngesithuba sama-740 B.C. kuphawula ingxaki enkulu kubunkokeli babantu bakaThixo. Ukufa kwakhe nawuphi umlawuli ongqongqo kwenza ukuba ilizwe lakhe libe sisisulu ngexesha lokutshintsha kwegunya. Sekunjalo, uYuda wayekwingozi eyodwa, kuba uTigelati-Pilezere III wahlala etroneni yaseAsiriya kwiminyaka embalwa ngaphambi koko, ngowama-745 B.C., wathi kwangoko wangena ekhondweni lokulwa nto leyo eyenza ukuba isizwe sakhe saba ligunya elongamileyo elingenakoyiswa neloyikisa ukuzimela poqo kwazo zonke izizwe kwiMpuma eKufuphi. Ngeli xesha lentlekele, uThixo wamkhuthaza uIsaya ngokumbonisa umprofeti ukuba yena Thixo usalawula.

Funda ngocoselelo u-2 Kronike 26:16. Zeziphi iindlela esithi ngabanye sijongane nesenzeko esinjalo ngesizathu esinye? Ukuhlala kwethu eMnqamlezweni kungasikhusela njani kulo mhadi?

_____

Mvulo

4 Januwari

“Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele”
(Isa. 6:1–4)

Qaphela okwenzekayo apha kwiindima ezine zokuqala zikaIsaya 6. Ukumkani ufa ngexesha lengxubakaxaka enkulu yopolitiko (ama-Asiriya asendleni yemfazwe). kuIsaya, yayinokuba lixesha eloyikekayo xa wayengaqinisekanga ngokuba ngubani olawulayo. Kwaza kwenzeka ntoni emva koko? Ngexesha asembonweni, uIsaya wajonga phezu kobuqaqawuli obubengezelayo bukaThixo phezu kwetrone yaKhe, weva ingoma ephendulayo yeserafim ebengezelayo (“abavuthayo”) isitsho amazwi “Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele,” weva isiphumo sonyikimo lomhlaba phantsi kweenyawo zakhe, wakroba kumsi onyukayo njengoko wawuzalisa itempile. Kunokuba yayingamava othusayo la kumprofeti. Ngokuqinisekileyo, uIsaya ngoku wayesazi ukuba ngubani olawulayo, ngaphandle kwezizathu ezibonakalayo.

Uphi uYehova kulo mbono? (Khangela uIsa. 6:1.) Kungani ukuba uYehova avele kuIsaya apha, ngokuchasene nakwezinye iindawo? Bona uEks. 25:8; Eks. 40:34–38.

UHezekile, uDaniyeli, noYohane babeselubhacweni xa babefumana imibono yabo - kuHezekile 1; Daniyeli 7:9, 10; nesiTyhilelo 4, 5. njengoIsaya, babeyidinga intuthuzelo ekhethekileyo nenkuthazo yokuba uThixo wayesalawula, nangona ihlabathi labo lalichitheka. (UDaniyeli noHezekile babe ngabathinjwa kwisizwe seentlanga esalitshabalalisayo elabo, yena uYohane wayesekuthinjweni kwisiqithi esisodwa ligunya lopolitiko elikhohlakeleyo.) Akukho kuthandabuza, le mibono yanceda yabanika oko babekudinga ukuze bahlale bethembekile, nangexesha lobunzima. “Wathi uIsaya akusibona esi sityhilelo sobuqaqawuli nobungangamsha beNkosi yakhe, wazaliswa yingqondo yobunyulu nobungcwele bukaThixo. Umahluko ongako kwingqibelelo engenamlinganiselo yoMdali wakhe, nekhondo elizaliswe sisono sabo, behlangene kunye naye, abakade bebalwa phakathi kwabantu abanyuliweyo bakwaIsrayeli nakwaYuda!”—Ellen G. White, *Abaprofeti Nookumkani,* iph. 307. Ubungcwele obunyukayo bukaThixo, obugxiniswayo embonweni kaIsaya, ngumba osisiseko kwisigidimi sakhe. UThixo ungcwele, kwaye ufuna ubungcwele ebantwini baKhe, ubungcwele aya kubanika kuphela xa bathe baguquka, babuya ezindleni zabo ezimbi, bazinikela kuYe ngokholo nokuthobela.

Sisonke sikhe sakwiimeko ezityhafisayo, apho ngokubonakala kwangaphandle konke kungathi kulahlekile. Kanti ke, nokuba akufumananga mbono “wobuqaqawuli bukaYehova,” njengoko kwaba njalo kuIsaya apha, khumbula ucwangcise iindlela athe uYehova wakuxhasa ngazo wena nokholo lwakho ngelo xesha lenkathazo. Yintoni owayifundayo kula mava onokwabelana ngayo nabanye?

Ubuntu Obutsha (Isa. 6:5–7)

Engcweleni/etempileni, ngumbingeleli omkhulu kuphela owayekwazi ukungena phambi kukaThixo kwiNgcwele kaNgcwele ngeMini yoCamagusho kukho umsi okhuselayo wesiqhumiso, kungenjalo wayeya kufa (Lev. 16:2, 12, 13). UIsaya wayibona iNkosi, nangona wayengenguye umbingeleli omkhulu, engaqhumisi siqhumiso! Itempile yazala ngumsi, (Isa. 6:4), esikhumbuza ngelifu apho babubonakala khona ubuqaqawuli bukaThixo ngeMini yoCamagusho (Lev. 16:2). Wabethwa kukoyika wacinga ukuba uphelile (thelekisa uEks. 33:20; AbaGweni 6:22, 23), uIsaya wakhala evuma ukuba unesono kunye nesono sabantu bakhe (Isa. 6:5), nto leyo ekhumbuza ngokuvuma izono kombingeleli omkhulu ngeMini yoCamagusho (Lev. 16:21). "Wathi emile, kunjalo, phambi kokukhanya okupheleleyo bobukho bobungcwele ngaphakathi kwingcwele engaphakathi, waqonda ukuba, ukuba angayekelwa kokwakhe ukungagqibeleli nokungabi namandla, akangekhe akwazi, konke, ukuwufeza umsebenzi awuthunywayo abizelwe wona."—Ellen G. White, *Abaprofeti Nookumkani,* iph. 308.

Kwakutheni ukuze iserafi isebenzise ilahle eliphilileyo [elishushu] okanye elivuthayo elithabatha esibingelelweni ukuhlambulula imilebe kaIsaya? Isa 6:6, 7.

Iserafi yachaza ukuba ngokuchukumisa imilebe yomprofeti ityala lakhe nesono sakhe zisusiwe (Isa. 6:7). Isono asixelwanga ngegama, kodwa akudingi ukuba siphelele kwintetho engalunganga, kuba imilebe ayifuziseli kuphela intetho kodwa nomntu wonke ephelele oyenzayo intetho leyo. Akuba efumene ukuhlanjululwa kokuziphatha, uIsaya ngoku wayekwazi ukunikela indumiso enyulu kuThixo. Umlilo uyinto yokuhlambulula, kuba utshisa ukungcola (bona kuNumeri 31:23). Iserafi yasebenzisa ilahle elisuka kumlilo okhethekileyo ongcwele wesibingelelo, owavuthiswa nguThixo ngokwaKhe nowawugcinwe uvutha ungaze uphele apho (Lev. 6:12). Ngoko ke, iserafi yamenza ngcwele uIsaya, kwanokuba nyulu. Kukho okungaphezulu kunoko. Ekunquleni engcweleni, okanye etempileni, esona sizathu sikhulu sokuthatyathwa kwelahle esibingelelweni yayikukubasa isiqhumiso. Thelekisa noLevitikus 16:12, 13, apho umbingeleli omkhulu kwakufuneka athabathe isiqhumiso sizele ngamalahle asuka esibingelelweni awasebenzise ukubasa isiqhumiso. Kanti ke, kuIsaya 6, iserafi isebenzisa ilahle kuIsaya endaweni yesiqhumiso. Njengokuba u-Uziya wayefuna ukunikela isiqhumiso, uIsaya wafana nesiqhumiso! Kwanjengokuba umlilo ongcwele ukhanyisa isiqhumiso ukuzalisa indlu kaThixo ngevumba elingcwele, uvuthisa umprofeti ukuba asasaze isigidimi esingcwele. Asiyongozi ukuba kwiindima ezilandelayo zikaIsaya 6 (Isa. 6:8 nezilandelayo) uThixo athume uIsaya ukuba aye ebantwini baKhe.

Lwesithathu *6 Januwari*

Umsebenzi WaKomkhulu (Isa. 6:8)

“Ndeva izwi leNkosi, lisithi, Ndothuma bani na? Ngubani na owosiyela? Ndathi, Ndikho, thuma mna” (Isa. 6:8, 9).

Akuba ehlanjululwe, uIsaya kwangoko walusabela ubizo lukaThixo lokuba ngummeli onokuthunywa ngenxa yaKhe. Ngokutsho kweTestamente eNtsha, uIsaya wayenokubizwa ngokuba ungumpostile; ukuthi, “othunyiweyo.” Okunika umdla kakhulu, incwadi kaIsaya ayiqali, njengezinye iincwadi zesiprofeto, ngomprofeti echaza ukubizelwa kwakhe ukuprofeta (thelekisa noYer. 1:4–10, Hezekile 1–3). Ngamanye amazwi, unokuba ebesele ebiziwe ukuba abe ngumprofeti, kwangaphambi kweziganeko zesahluko sesi-6. IBhayibhile ayibonisi ukuba ukuhlangana kukaThixo kumkhuthaza umprofethi nasemva kokuba ulungiselelo seluqalile (uMoses: Eksodus 34; Eliya: 1 Kumkani 19). Ngokungafaniyo neminye imizekelo, ngokunjalo, apho uThixo axelela abantu ukuba baza kuba ngabaprofeti, kuIsaya 6 umprofeti uzinikela ngokwakhe ukwenza umsebenzi okhethekileyo. Kuyabonakala ukuba izahluko 1–5 zikaIsaya zimele iimeko zelo xesha xa uIsaya wayebiziwe kuqala, kwathi emva koko uThixo walunika amandla ulungiselelo lwakhe ngokumkhuthaza etempileni nangokuqinisekisa ukuthunywa kwakhe njengomlomo kaThixo.

UThixo wamkhuthaza uIsaya etempileni yaKhe. Ingaba bukho ubungqina kwenye indawo eBhayibhileni obubonisa ukuba ingcwele kaThixo iyindawo yenkuthazo? INdumiso 73 (bona INd. 73:17), Heb. 4:14–16, Heb. 10:19–23, IsiTyhilelo 5. Zisixelela ntoni ezi ndima?

Ingcwele kaThixo ayaneli nje ukubetha ngamandla awoyikekayo, iyindawo apho abantu abangenamandla nabaneziphoso njengathi banokufumana isiphephelo. Sinako ukuqinisekiswa ukuba uThixo uyasebenza ukusihlangula ngoKristu, uMbingeleli wethu omKhulu. UYohane naye wambona uKristu evezwe eyimvana yokunikelwa eyayisanda kuxhelwa, umqala wayo uvuliwe (IsiTyh. 5:6). Yayingengo mbono mhle lo. Inkcazo ibonisa ukuba, nangona uKristu wavuswa kwabafileyo waza wanyukela ezulwini, usaqhubeka ethwele isiganeko soMnqamlezo kuYe. Usaphakanyisiwe ukuze atsalele bonke abantu kuYe esibingelelweni saKhe.

Ingaba uyifumene na inkuthazo ngokungena kwitempile yasezulwini, ngokholo, ngomthandazo? AmaHebhere 4:16 ayakumema ukuba uze ngesibindi etroneni kaThixo “[u]fumane ubabalo lokusiza ngexesha lentswelo” (NRSV). Ukuba ubani ebengabuza kuwe ukuba walufumana njani ubabalo nenceba ngexesha lentswelo, ungaphendula uthini?

Isibheno Esikhwankqisayo (Isa. 6:9–13)

Xa uThixo wayephinda ukumthuma uIsaya, kwakutheni aze umprofeti amnike isigidimi esingaqhelekanga kangako ukuba asise ebantwini baKhe (Isa. 6:9, 10)?

Kwathi kuba kunokwenzeka ukuba sicinge ukuba uIsaya akazange asive kakuhle okanye asibalulekanga esi sigidimi, uYesu wayicaphula le ndawo ukuchaza ukuba kutheni le nto efundisa ngemizekeliso (Mat. 13:13–15). UThixo akafuni kubekho noyedwa otshabalalayo (2 Pet. 3:9), nto leyo echaza ukuba kwakutheni ukuze athumele uIsaya kubantu bakwaYuda—noYesu ehlabathini. Umnqweno kaThixo asingowokuba atshabalalise kodwa ngowokuba asindise kuse kunaphakade. Phofu abanye abantu basabela kakuhle kwizibheno zaKhe, abanye basuka baqine ekuxhathiseni kwabo. Nangona kunjalo, uThixo uhlala ebacenga ukuze abanike amathuba aphindaphindiweyo okuguquka. Kanti ke, okona bexhathisa, okona beya beqaqadeka. Ngoko ke ngolo hlobo, into ayenzayo uThixo kubo iphelela iziqaqadekisa iintliziyo zabo, nangona wayenga ezi zenzo zingazithambisa. Uthando lukaThixo ngakuthi aluguquki; impendulo yethu ngabanye kuthando lwaKhe lunokuguquguquka okubalulekileyo. Inxaxheba yomfundisi [umlungiseleli], njengoMoses, uIsaya, uYeremiya, uHezekile, okanye noKristu, kukuqhubeka nokubhena, nokuba abantu bayasala isigidimi. UThixo wathi kuHezekile: “Nokuba bathe beva, nokuba bathe bala, kuba beyindlu eneenkani, baya kwazi kukuba bekukho umprofeti phakathi kwabo” (Hez. 2:5). Inxaxheba kaThixo neyabakhonzi baKhe kukunika abantu ukukhetha okuhle, ukuze babe nokulunyukiswa ngokwaneleyo (thelekisa noHez. 3:16–21), nokuba baphela benyula intshabalalo nokuthinjwa (Isa. 6:11–13).

Sinezi ngcamango engqondweni, siyiqonda njani inxaxheba kaThixo ekuqinisweni kwentliziyo kaFaro?

KuEksodus 4:21, uThixo uthi, “Ndiya kuyenza lukhuni intliziyo yakhe” (NRSV). Eli lilixa lokuqala kwasithoba apho uThixo athi uya kuyenza lukhuni intliziyo kaFaro. Noko kunjalo ayesithoba amaxesha apho uFaro wayenza lukhuni intliziyo yakhe (umzekelo, bona kuEks. 8:15, 32; Eks. 9:34). Kucacile kona ukuba uFaro wayenayo inkululeko yentando yakhe okanye ngewayengazange akwazi ukuyenza lukhuni intliziyo yakhe. Kwainto yokuba uThixo naYe ayenze lukhuni intliziyo kaFaro ibonisa ukuba uThixo waqala iimeko awayephendula kuzo uFaro xa wayesenza ukukhetha kwakhe, ukukhetha ukuyala imiqondiso uThixo awamnika yona. Ukuba uFaro wayeyamkele loo miqondiso, intliziyo yakhe ngeyathamba, ayaqiniswa, yiyo.

Ingcamango Eyongeziweyo:

Izenzo zobugwenxa zazixhaphake phakathi kwabantu kangangokuba abo bambalwa basala benyanisekile kuThixo babesoloko belingeka ukuba bancame baziyekele ekutyhafeni nasekuphelelweni lithemba. Kwabonakala ngathi injongo kaThixo ngoIsrayeli yayiza kusilela nokuba isizwe esivukelayo sasiza kuba nesiphelo esifanayo neso seSodom neGomora.Ejongene neemeko ezinjalo, akumangalisi xa kusithi, ngeminyaka yokugqibela yolawulo lukaUziya, uIsaya wayebizwa ukuba ase kuYuda izigidimi zokulumkisa nokungxolisa kukaThixo, asuke uIsaya awoyike loo mthwalo. Wayesazi kakuhle ukuba wayeza kuhlangana nenkcaso eneenkani. Wathi ngokuqonda okwakhe ukungabi nakukwazi ukumelana nemeko nokucinga ngokuba neenkani nokungakholwa kwabantu awayeza kubasebenzela, wabonakala unganiki themba umsebenzi wakhe. Ingaba kufuneka awuyeke umsebenzi wakhe kuba engenathemba, amshiye uYuda engaphazanyiswanga ekunquleni kwakhe izithixo? Ingaba oothixo baseNineve babeza kulawula umhlaba ngokudelela uThixo wasezulwini?"—Ellen G. White, *abaprofeti Nookumkani*, amaph. 306, 307.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Ukuba onentandabuzo okanye ongakholelwayo kuThixo ukunika umngeni ngombuzo, othi, "Ungabonisa njani ukuba uThixo wakho uyalawula?" ungaphendula uthini?

2. Ukuba uThixo uyalawula, kutheni le nto abantu abamsulwa betsala nzima? Ingaba uIsaya 1:19, 20 uthetha ukuba kubomi bangoku izinto ezilungileyo zimele ukwenzeka kubantu abathembekileyo bakaThixo ize ibe zizinto ezimbi kuphela ezenzeka kwabo bavukelayo? Thelekisa noYobhi 1, 2; INdumiso 37; INdumiso 73. Singakwazi ukuhlanganisa ukuqonda kwethu isimilo sikaThixo nezinto ezimbi ezenzeka ebantwini? Ingaba siyakudinga ukwenza oko?

3. KuIsaya 6, kutheni le nto kukuninzi okuhlangana neMini yoCamagusho? Qaphela ukuba ngale mini yomgwebo waminyaka le uThixo wayehlambulula abantu baKhe ngokuhlamba isono kwabo banyanisekileyo (Lev. 16:30) nangokukhuphela ngaphandle abo banganyanisekanga Lev. 23:29, 30).

Isishwankathelo: Ngexesha lokungabi nakukhuseleka, xa ubuthakathaka bobukhokeli babantu babucace ngendlela ebuhlungu, uIsaya wanikwa umbono omhle kakhulu weNkokeli ephezulu yendalo yonke. Othuke waqina kukungabi nakufaneleka kodwa wahlanjululwa wanikwa amandla yinceba, uIsaya wayekulungele ukuphuma ahambe abe ngummeli kaThixo kwilizwe elikhohlakelelyo.